Yindlu Enjani Eniyakuyakhela Mna?

Enkosi, Mzalwana Green. Yinyhweba. Umbuliso kuMzalwana noDade Green, kunye nabo bonke abalapha ngalentsasa. Kwaye yinyhweba yokuba ndizive ndiyinikiwe, yokuza kule ndawo yokunqula, ukuza kwenza izaziso ezimbalwa.

2 Andifuni kuthabatha ixesha likaMzalwana uGreen apha, ngokuba ndimvile uMzalwana uGreen ngamaxesha amaninzi, ethetha, kwaye ngenene ndaphembeleleka, kwaye njengoko ezisa iLizwi leNkosi kuthi, kwaye ngentobeko enkulu malunga nalo. Izolo uthe, "Andifumani iLizwi eNkosini njengamhlawumbi Liyakuza ngesityhilelo, nje—njengokuba Lithunyelwe, kodwa," wathi, "ndiyathanda uku—ukugxininisa phezu koko bekuthethiwe." Wathi, "Njengaxa uPawulos wabhala into eBhayibhileni, ndize apha ukuza kugxininisa phezu koko akutshiloyo." Wathi, "Andinamyalezo, kuphela kukugxininisa nje kuphela koko sekuthethiwe kusuka kwiNkosi." Ngoku ngenene oko kuyamangalisa, u—umfo omncinci njengalowa, kwaye athi, enze intetho enjeya.

Ngoku masibenelizwi nje lomthandazo.

3 Thixo Othandekayo, andazi ngenene ukuba mandiqale njani, ngokuba ndiyavakalelwa Ulapha namhlanje, kwaye eBukhoneni Bakho sisoloko siziva bancinci. Kwaye ndi—ndibulela Wena ngale nyhweba. Ngoku, Nkosi, ngokuba Wena usinike le ndawo, siyathandaza ukuba Uyakuhlangana nathi ngalo lonke ixesha sihlangana apha. Kwaye wanga uMoya Wakho oMkhulu ungashukuma phezu kwesi sixeko! Sanga singabanakho ukuzisa loMyalezo weVangeli esithe sawunikwa waza wabekwa ezandleleni zethu kule mihla yokugqibela, wanga Ungazaliseka, kwaye Wena ufumane wonke umphefumlo ophuma eTucson najikelele, othe wawubekela kuBomi. Siphe ezi zinto, Bawo, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

4 Ndicinga ndifuna ukufunda umqolo omncinci weSibhalo apha ngale ntsasa, nje phambi kokutsho lamazwi endinqwenela ukuwatsho. Afumaneka ngaphaya kwiZenzo, isahluko sesi-7 seNcwadi yeZenzo. Kwaye ngelixa nisatyhila kokuya, siyakuqalisa kumqolo wama-44.

5 Ngoku siya eShreveport ngale veki, ngale veki izayo, ukuya kuba nothotho lwemihlangano, kwaye ngoku sizakuzama, ukuba iNkosi ithandile. Umzalwana uMoore, uMzalwana Jack Moore, olunge kakhulu umhlobo wethu sobabini uMzalwana uPearry kunye nam, kwaye siyamthanda uMzalwana Jack.

UMyalezo, ndicinga, ngohlobo oludidayo kancinci, ingakumbi ngezinye zezinto esizithanda kakhulu nesizikholelwayo, okokuba—okokuba Ize kuthi ngokuvulwa kwaMatywina aSixhenxe, njengoko siYikholelwa, njenge, "imbewu yenyoka," kunye "nokhuseleko olunguNaphakade lwamakholwa," kunye—kunye nanjalo njalo, eminye yaloMiyalezo. Ekubeni, mhlawumbi kwabanye . . . Asicingi Oku kunzima, kodwa, Yona, kufanele uvule intliziyo yakho kwiNyaniso. Siyakholwa siphila kwi—kwixesha lesiphelo. Oko kuyinene kakhulu kuthi, okokuba sisekupheleni kwendlela.

6 Kwaye ukuthetha kwibandla lenye indoda, ke, ufuna ukuhlonipha ububele balandoda, bo—bokukunika ela thuba lokuza ebandleni layo. Kwaye ndi, ngokuqinisekileyo, ekwazini ukuba abakholelwa Kokuya, kwaye ndiyakubahlonipha ngokwaneleyo okokuba . . . Kukho okuninzi ngaphezulu endinokuthetha kuko phaya, ngaphandleni kokuzisa Okuya ngaphakathi; ngaphandle nje nguMoya oyiNgcwele wenzeke uWutyhale kancinci, uyabona, ngoko ngokuqinisekileyo ndiyakutsho njengoko Etshilo. Kwaye andazi okungcono kunokwenza oko, kwaye ndiyathemba andizange ndifunde okungcono kunokwenza oko. Yabona? Masiyitsho Yona ngendlela Ayitsho ngaYo.

7 Ngoku masifunde nje u—umqolo okanye emibini apha ephuma kwi—kwisahluko sesi-7 seNcwadi yeZenzo, siqalela kumqolo wama-44.

> *Oobawo bethu babenomnquba wesingqino entlango, njengoko wayemisele ngako, ethetha kuMoses, okokuba makawenze ngokohlobo abelubonile.*
>
> *Lo kanjalo* ubawo *wethu abeza kamva bawungenisayo kunye noYesu* eku*thinjweni kweeNtlanga, ezo uThixo wazigxothayo phambi kobuso boobawo bethu, kwada kwayimihla kaDavide;*
>
> *Owababalwayo nguThixo, wacela ukuba amfumanele uThixo kwaYakobi umnquba.*
>
> *Kodwa nguSolomon owamakhela indlu.*
>
> *Noko Osenyangweni yena akahlali zitempileni zenziwe ngazandla; njengokuba atshoyo umprofeti,*
>
> *Izulu liyitrone yam, . . . umhlaba sisihlalo seenyawo zam: yindlu enjani na eniya kuyakhela mna: Itsho iNkosi: okanye yiyiphi na yona indawo yokuphumla kwam?*
>
> *A*sisandla *samna esenza zonke ezi zinto?*

8 Phezu Koku, ukufundwa kwesi Sibhalo, ndifuna ukutsho amazwi ambalwa endifuna ukuwatsho ngaphambi kokuba uMzalwana Pearry azise umyalezo wakusasa.

9 Ndifumane lena yamakhulu amathuba otyelelo lwam eTucson. Ndiza apha ngokuba ndandikhokelelwe ukuza apha. Ndiza apha ngokuba uMoya oyiNgcwele, ngombono, wandithumela apha. Ndiyazi oko kungakhangeleka kungaqhelekanga, mhlawumbi. Kodwa Yena, kangangolwazi lwam, yonke into endiyaziyo ngoThixo, ndathunywa ngumbono eTucson. Ndamangaliswa kutheni ndathunyelwa kulentlango yendawo. Kwaye ngoko apha apho kukho i. . .

10 Ngentetho kaMoya, phezu kwesixeko, andazi nanye indawo efe ngenene emoyeni, kunesixeko sase Tucson. Kukho imfazwe phakathi kwamabandla. Kukho uchuku phakathi kweemvaba. Akukho manyano, kwaye wonke ubani uyaxhakamfula, aze abambe, aze acudise, kwaye azame ukufumana *lo*na, nokuguqulela omnye kwenye inkolo. Yintlango, ngentetho kamoya, ngokunjalo.

11 Kodwa ngoko ndifunde eBhayibhileni, ukuba apho uThixo wabizela uMoses kude kwabo abathandayo kunye nakwabo babebalulekile kuye, waza wamthumela entlango, ukuya kubhala iMithetho yeBhayibhile. Leyo yayi yiTestamente eNdala, iiNcwadi ezine zokuqala, iGenesis, Leviticus, kunye neDetoronomi, Eksodus. Wa. . . Andizitshongo ngokoludwe, kodwa zezoNcwadi zine. Oko ngenene kukwi Testamente Endala. Ngokuba, inxenye yaYo yileyo abaprofeti bayitshoyo, kwiiNdumiso zikaDavide, nanjalo njalo, kodwa iZikronike zookumkani. Kodwa lena yayiziziseko zeTestamente Endala. Awathi uMoses wayibhala emva kokuba wabizwa kwelakubo, apho wayezalelwe khona waza wakhuliselwa khona phakathi kwabantu bakhe, kwaye wathunyelwa entlango, ukuya kubhala leNcwadi yeTestamente Endala.

12 Emva koko ndiyafumana kwiNcwadi yeTestamente Entsha, apho uPawulos, oyimbangi, okanye ongeyombangi, kodwa umbhali weTestament Entsha. Naye waqhutyelwa ngaphandle kubantu bakhe, kwaye, ngoMoya, wasiwa e-Arabhiya, apho wayeminyaka mithathu inesiqingatha, ukuya kufumana intumakalelo. Kwaye uPawulos ngumbhali oyintloko weTestamente Entsha. Ngoku, kukho uMateyu, Marko, Luka, noYohane, kodwa babengababhali abathi babhala nje oko uYesu wakutshoyo njengoko babemlandela Yena. Kwaye, kodwa, uthabatha iNcwadi eya kuTimoti, neya kwabaseRoma, neya kumaHebhere, nanjalo njalo, uPawulos wafumana impefumlelo yokubhala iTestamente eNtsha; ethatha yonke iTestamente eNdala njengesithunzi, kwaye eyibeka ngolungelelwano. Kwaye uThixo wayihlonipha, kwaye wayenza iTestamente eNtsha.

13 Kwaye ngoku ukuba iTestamente eNdala kwafanela iqhutywe iphume ku. . . kumbhali kufanele aqhutywe aphume ebantwini bakhe, aye entlango, ukuya kufumana impefumlelo yokubhala iTestamente eNdala. Kwaye kwiTestamente

eNtsha, umbhali wayeqhutywa nguMqambi, emsa kwindawo eyintlango, ukuya kufumana impefumlelo yokubhala iTestamente eNtsha. Kwaye iiNcwadi zitywiniwe ngaMatywina aSixhenxe; kuyakufuneka kananjalo into ekwanjalo, ndiyakholwa, kulemihla, ukuvula lo Matywina aSixhenxe. Ukushiya oko balulekileyo kuwe, oko ukuxabisileyo, kunye nekhaya elincinci endalinikwa ngabantu, kunye naphakathi kwabantu bam bonke nabahlobo, nebandla ebelikhula, kwaye ndingasweli nto; kwaye uku—ukushiya oko, ukuzihluthula uzisuse kuko, uze umke uhambe, ngaphandle ukuya entlango apho ungazi namnye umntu, kwaye yonke into ichasene nawe.

14 Kodwa kukho into ethile malunga noThixo, yokuba Aqhube indoda ukuba yenze izinto ezingaphaya kokucinga kwayo, ke isenokuba kuzuko nentlonipho kaThixo. Kwaye ndiyeva oko, hayi yesiqu sakho, kodwa ndi—ndiyiva iyinyhweba yokuba ndishiye yonke into ebibalulekile kum, ukuze ndize apha kule nkqantosi ndize ndive ubunzima ngendlela endingazange ndive bunzima ebomini bam, apha kule nkqantosi, okanye kule ntlango. Kodwa ndiyakholwa, ukuba ekwenzeni oko nokuthobela oko uThixo akuyaleleyo ukuba kwenziwe, uThixo usivulele ezimfihlelo zalomhla wokugqibela. Kwaye silapha nalo Myalezo.

15 Ngoku, bekukho abantu abaninzi abandilandeleyo, kwaye oko asinto ingaqhelekanga. Ngokuqhelekileyo umntu esi . . . Abantu bayathandana, kwaye lona, uthando, luyakukuqhubela ekwenzeni izinto ongacingi ukuba unokuzenza. Kwaye abaninzi benu nishiye amakhaya enu, nishiye konke, nje ukuhamba, niphume nize entlango.

16 Abaninzi bandibizile, abaninzi bandibuzile, “Singeza e-Arizona? Ingaba iyakuba yindawo elungileyo?” Ke, njengokuba kwakutshiwo malunga noMoses kunye nabo, yayingeyondawo yaziqhamo, ingeyondawo yarharnathi.

17 Apha akukho msebenzi ungako wakwenza, kwaye ukuphila kuxhomile, kwaye indleko zokuphila zixhomile. Yindawo egadalala ngenene yokuhlala, iTucson, Arizona; imirholo ayiphucukanga, kwaye—kwaye ukutya kuxhomile, kunye nokuqesha ukuhlala. Iyi—iyindawo embi kakhulu yokuhlala, ngolwa hlobo. Kodwa inempilo kakhulu, yomile. Kwaye thina ngamaxesha athile . . . Akufanele senze ingqondo zethu zilandele izinto zalomhlaba.

18 Kufanele sikhangele ekukhokeleni kukaMoya oyiNgcwele. Kodwa into enye endikhathazayo ngokuza apha, kwaye ndibaxelela abantu, ke, “kufanele ningezi” okanye “kufanele nize,” oko ndikuyekela kumntu ngamnye, ngendlela uThixo amkhokelela ngayo la mntu ukuba ayenze. Ndicinga bonke kuni kufanele ayenze lonto, khokelwa nguMoya, komawukwenze.

19 Kwaye abaninzi kuni apha ngabalapha eJeffersonville, kwaye bengabebandla phaya, kwaye niphume neza apha. Ngoku, into endikhathazayo, yindawo yokunqula.

20 Kwaye ndiqaphele, njengoko bendifunda eSibhalweni, ngoStefano kunye nentetho yakhe nje phambi kokufa kwakhe; ngokuba bamxuluba ngoko nangoko emva koko, ngenxa yomyalezo wakhe. Njengoko wayethetha, wathi, "oobawo bethu," ethetha ngamaHebhere ngemihla yamandulo, indlela abazama ngayo ukufumana ukwamkeleka kuThixo, yokwakha indawo yokunqula. Wakutsho oko, "uSolomon wamakhela Yena indlu, okanye isakhiwo." Siliqhelile ibali.

21 Kodwa ndiyawathanda lamazwi alandelayo, "Noko Osenyangweni akahlali yena ezindlwini ezakhiwe ngezandla," kwaye enye indawo ngaphaya ku-Isaya. Wathi, "'Umzimba Undilungiselele Mna; yabona, iminikelo namadini, nezakhiwo, nanjalo njalo, kodwa umzimba Undilungiselele Mna.'" Kulungile, siyaqonda ukuba wayethetha ngoko ngomzimba apho uThixo wahlala khona, kuKristu.

22 Kodwa ndiyakholwa namhlanje, okokuba impefumlelo ezileyo ku—kuMzalwana Green, yokuza apha, yena noDade Green, ukuncama indawo yabo empuma, nayo, ngokwayo, emva eTexas, ukuza apha kunye . . . ukuqalisa bengenanto; nje ngokulula ngentumakalelo, beziva befanele ukuba bayenze. Ndiyabancoma abantu abaya kulandela inkokhelo kaKristu, ngaphandle kokukhathalela indleko ebadla yona.

23 Nakubeni ilizwe lonke, mhlawumbi izihlobo zakho ezisenyongweni, zicinga ukuba uphosile, kodwa ayiphosekanga kuwe. Okoko usiva kukho into ethile emveni kwayo, nguThixo okuqhubayo; ayisokuze iphosise, kwaye iyakusoloko ivela chanekileyo.

24 Jonga aba batshatileyo basebatsha, umfana onesiphiwo. Andikutsho oku ngenxa yokuba ehleli apha. Kunye neli nenekazi litsha likunye nabantwana balo, kunye nosapho lwalo ekufuneka belukhulisile, kwaye ushiye umsebenzi wakhe nayo yonke into, ukuza apha.

25 Ndiqaphela ukuba kwiminyaka egqithileyo ndabizelwa kulungiselelo. Andizange ndibe ngumalusi ophumeleleyo, ngokuba ndinokuzula, imimoya ezulayo. Andinakoneliseka naphina. Nje naphina uMoya usiya, kufanele ndihambe naWo, ngokuba ndinoMyalezo. UYesu wathi, "Kufanele Ndishumayele nakuso esi isixeko ngokunjalo."

26 Kodwa kukho abo abangabolusi abolusa umhlambi. Ndinombulelo kakhulu wokuba uMzalwana Perry elandela inkokhelo kaMoya oyiNgcwele, kwaye namhlanje sinomnquba. Iyeye ncinci. Lonto yelungileyo ukuqalela, ukuze sibone yintoni uMoya oyiNgcwele . . . Singazi, masiqhubeke inyathelo ngenyathelo. Ngoku, ndiyakholwa, ukuba uThixo uthethe

kuMzalwana noDade Green, ukuba baze apha, kwaye bavule indawo apho abantwana bethu; endaweni yokuba ngentsasa yangeCawa bakhwele iibhayisekile, kwaye babesezitratweni kwaye bajikeleze bebaleka, banendawo yokuza kunqula, endaweni yokuba sihleli apha kwaye siphulaphule kwinto ethile ebesiyive kunomathotholo, ntoleyo ilungileyo.

27 Kodwa si, njengeqela labantu, sinoMyalezo walomhla. Si, siyakholwa ukuba uThixo usinike uMyalezo. Kwaye uMzalwana Green, u, andifuni kumbiza umncedisi wam, ngokuba si . . . Kulungile, injalo, kananjalo, umncedisi wam, sibanye kuMyalezo. UMzalwana uGreen ushumayela into enye noMyalezo endikholelwa kuwo. Ushiye ikhaya lakhe, ushiye abantu bakhe, ushiye icawa yakhe. Waye, ndiyakholwa, wayengumongameli wesithili okanye into ethile, yomnye wemibutho, wancama yonke into xa weva Oku. Washiya yonke into ebibalulekile kuye, ngokunjalo, ukuza entlango, nje ukuxuma oko uThixo asinika kona ngoku.

28 Ndithi ndiyakholwa akufanele ibe sentliziyweni yethu kuphela, kufanele ibe luxanduva lwethu ukumxhasa, yonke into esinokubanakho, ukuba size ezinkonzweni, ukuba size apha ukuza kunqula, kwaye sizokuyenza lena indawo apho uThixo Anokutyhila kuthi izinto anazo ngathi ukuba asityhilele. Kwaye njengoko ilizwi lakhe lathi, "UMyalezo awuzi kum ngokunikwa kwempefumlelo, njengoko kusenzeka mhlawumbi kwabanye bethu, kodwa," wathi, "ndilapha ukuxhasa oko uThixo akunikezeleyo." Enjani intetho! Kwaye ndiyakholwa, ukuba sonke siyakusebenzisana, siyakubeka iintliziyo zethu kuyo.

29 Ndiyazi ukuba ngamnye kuni, ukuba niziva ngendlela endiyiyo, ndilambele kakhulu ukubona uMoya kaThixo ushukuma, andinakho nje tu ukunyamezela. Amanye amava endithe ndanawo phezulu entabeni, nje ukuva oko kwakhona, okokuba Into ethile yokuba xa ndandiqala ukusindiswa yayizuke kakhulu entliziyweni yam! Kwaye singafika endaweni, singahlala kwaye siyayibona phakathi kwethu, okokuba siyafa. Njengoko sihleli apha entlango, ndiba phakathi kwabazalwana bam, bathetha nam kwaye nam ndithetha nabo; okoko, ngendlela encinci yokujonga, ukuva phandle phaya ngoMoya, njengoko kwakunjalo, ukubona nje imeko yalamzalwana, ukubona okungalunganga. Ndaqalisa ukuva thina singqengqa, simka kuMoya. Iba yinto eqhelekayo kuthi. Kufanele sinqule sikuMoya, apho uMoya kaThixo . . . Hayi kuphela uMyalezo wethu kufanele ube lidangatye leyure, kufanele ibe lidangatye ezintliziyweni zethu. Yabona? Kufanele ibe sezintliziyweni zethu, okanye asinakho—asinakho ukuYibonakalisa ebantwini kakuhle. Umoya kufanele uthwale uMyalezo, Ngokwawo. Kwaye ndiyathemba kwaye ndikholelwa kuni nonke ngabanye, ukuba ningamaKristu enene.

30 Ngoku bafuna ootitshala besikolo seCawa. Bazakufuna abaqeshwa. Kwaye ndifuna ukutsho oku ukuze nibe nokuqondisisa. Eli libandla lam.

31 Bendilapha iminyaka emithathu. Kwaye ndibe nesango elinye elivulekileyo kum, lowo nguMzalwana Mack ondicele ndize kushumayela. UThixo amsikelele. Andikhange ndimenywe nangomnye wabantu; andinanto ndiyichasileyo nabo, balungile. UMzalwana Brock, umhlobo olungileyo wam, uMzalwana Gilmore, abaninzi babazalwana bakwaMoya apha, ngenene, ngenene ngabahlobo bam abanzulu. Ndiyabathanda; akukho ndiyichasileyo ngabo. Ndiyayiqonda indawo abame kuyo. Abanakundimela phaya, baza bashiyeke kwimibutho yabo. Yabona, abanakuyenza lonto. Ngokuba, ukuba bayayenza, bayakukhutshelwa ngaphandle. Ke uyabona indawo abeme kuyo. Ndibe nento ekwanye ebefuneke ndijongane nayo. Kodwa, bethu, ingasoloko injalo, "Funani ubuKumkani bukaThixo tanci," intando kaThixo.

32 Kwaye ekubeni ngoku, Mzalwana Green, uThixo emthumele apha kwaye wasivulela icawa enje ngoluxabisekileyo uKholo esikholelwa kulo, sifanele sibe nombulelo kakhulu kuThixo, kwaye sibekho kuzo zonke inkonzo, sithabathe yonke indawo esinokuba nakho. Kwaye ukuba siyacelwa ukuba sibize, sithandaze, sifune, senze, masibe ngamajoni kanye e. . .nje ukungxama ukuyenza lonto. Yabona?

33 Gcina uMyalezo uhloniphekile, kwaye uphile ubomi obulungileyo. Sukuvumela isidyobho size kuWo. Siphila kwixesha eliphele kakhulu ngoku. Si—sisemva kakhulu kwiyure. Masiwuphile Wona cocekileyo. Ke, ubomi bam, ubomi bakho, bonke ubomi bethu bufuneka buqoqoshiwe, phambi koThixo.

34 Abantu bethu abatsha bahla nje benyuka beqhuba, ukusuka kwindawo ukuya kwindawo, ukusuka kumboniso ukuya kumboniso, kwaye bekhukuliselwa kude nakude ukumka kuThixo. Injalo. Ngoku, leyo yinyaniso. Ndibona ebantwaneni bam, ndizibona ndingena kwindawo apho kungekho. . .Ni, nifanele thina kunye, sinqule uThixo; itsho njalo iBhayibhile, "Xa sibona lomhla usondela, okuya kuninzi kuhlangana." Ukuba kukho abantu ababini kuphela apha, uyakuba ngomnye wabo. Ngoku oku ku. . .Kwaye ukuba siyahlangana size sinqule kunye, emva koko nje si, into ethile engenye malunga nayo, uYesu wathi, "Xa ababini okanye abathathu behlangene eGameni Lam, Ndilapho phakathi kwabo."

35 Ngoku, njengoko benditshilo ngaphambili, uMzalwana uGreen undixelele, kwaye uyitshilo. uMfazi wam uyeza, wandixelela oko akutshiloyo xa bendingekho. Okokuba, kwaye wathi ngale ntsasa, "Ipulpit ibivulekile nangaliphi ixesha." Ngoku ngokuqhelekileyo. . .Okokuba, ivulelekile kum ukuba ndithethe.

36 Ngoku, ngokuqhelekileyo, kufanele ndiqhube yonke indlela ukuya eJeffersonville, Indiana, ukuya kunikeza uMyalezo athe uThixo wandinika wona, ukuba ndiwuzise ebantwini; ndihamba yonke indlela ukuya eJeffersonville, Indiana, kwaye nonke ngabanye kuni nifakela iminxeba ukunqumleza izizwe, kwaye ninxibelelisa iingcingo nezinto, ukuze nifumane uMyalezo, ngokuba yilonto esiphila kuyo. Yabona, yilonto esilapha ngayo. Kulungile, akudingeki senze oko kwakhona.

37 UThixo undinika uMyalezo, ndingaza kanye apha epulpitini ndize ndiwushumayele, kwaye ndizive khululekileyo ukuyenza lonto. Ehe. Kwaye ndiyakholwa, ngoko, ukuba uThixo uSomandla uyakunisikelela ukuba nje niyakuma nixhase lenkonzo ngoku, eli qela labantu. Hayi kuphela oko, kodwa masiphume ukuya kubona ukuba asinakufumana abanye beze ngaphakathi. Yabona, masithethe nabanye naphina, thetha nabo malunga nebandla lethu noko limele kona. Into iBandla lethu. . . Silapha. Sifuna wena uze, zisa abangaziwayo, kwaye ndiqinisekile kuyakulunga kuthi sonke. Yabona? Sinesakhiwo, esinombulelo ngaso. Sinombulelo ngale ndawo, ukuba sihlangana ngokudibeneyo.

38 Kodwa, "Noko Osenyangweni akahlali ezitempileni ezenziwe ngezandla, yabona, 'Ngokuba iZulu yitrone yaM, nomhlaba sisihlalo senyawo Zam; kwaye iphi indawo yaM yokuphumla? Kodwa umzimba Undilungiselele wona Mna.'"

39 Kwaye singuMzimba kaKristu. Njengoko sisuka kwisakhiwo ukuya kwesinye isakhiwo, ndiyakholwa, ukuzisa uMyalezo wethu, kwaye siyakuhla sibe neenkonzo zempiliso. Kunye nayo yonke into iNKosi eyityhila kuthi ukuba siyenze, siyakubanayo kanye apha enkonzweni, ide ikhukhumale ibenkulu kakhulu kufuneke uyithabathe uyise kwenye indawo, nakwenye indawo, ade abuye uYesu. UThixo anisikelele.

40 [UMzalwana Pearry Green uyathetha, aze acele uMzalwana Branham ukuba amthambise. Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

Masithobise iintloko zethu.

41 Thixo Othandekayo, njengoko simi apha kweli qonga, elimele, kanye ngaphaya kwesibingelelo apha, siyaqonda silu—siluhlanga olufayo lwabantu, ngendlela oyiyo lomhlaba. Sijonga ngaphandle ezitratweni kwaye isono sibhalwe kwindawo yonke, kwaye uZuko lweNkosi lumka ngesatya esikhawulezayo. Kwaye siyazi, xa uZuko lweNkosi lusimka, nalo iBandla lihamba naLo. Thixo, sifuna ukuba phaya.

42 Nje kwiintsuku ezimbalwa ezigqithileyo, sime apha ekoneni yesitrato, nje ngaphaya kwesitrato, sijonge umngcelele usihla ngesitrato; kwaye sibona ezonqwelo zomkhosi zindala zeMfazwe yokuQala zikhokela indlela, emva koko kuza enkulu enzima inqwelo yomkhosi iSherman, emva kokuya

kulandela ezinye nezinye nezinye, emva koko igold-star mothers [Abazali abanabantwana abafele emfazweni yomkhosi waseMelika—Mguq]; ezincinci ezaphukileyo iintsapho, zinenkosikazi elilayo, kunye nenkwenkwe edlakadlaka ephulukene noyise wayo, umama omdala uphulukene nonyana wakhe. Ndacinga, "Obunjani ubuhlungu," ukuma ezikoneni zesitrato kwaye ndibukele into enjeya egqithayo. Emva koko ndaqwalasela, njengoko zigqitha esi sakhiwo, umculo waguqukela ku *Phambili maJoni obuKristu*. Bedlala ngesingqi sabo, ngasemva; kodwa xa bagqitha le ndawo!

43 Thixo Othandekayo, ndicinga ngelinye elikhulu ixesha elizayo, kwaye elo iyakuba luvuko, xa omdala-abadala bayakuza kuqala, abangcwele, amaqhawe. "Kuba thina abasaphilayo nabaseleyo asisayi kubathintela okanye sibaphangele abo baleleyo; kuba ixilongo likaThixo liyakudanduluka, baze abafele kuKristu bavuke kuqala." Emva koko sibona leya inkulu . . . nje abantu behamba, benyukela phezulu esibhakabhakeni; kwaye siyakuba simile, silindela uguqulo lwethu, sisazi siyakuba semgceni, nathi. Thixo, senze sibe ngamajoni anyanisekileyo.

44 Kuphela abo bazibandakanye ngokwenene kwaye bebesemfazweni bayakwazi into okuyithethayo ngenene okuya, ukubona ezonqwelo zomkhosi ziqengqeleka. Kwaye, Thixo, sicinga ukuba abo babesemfazweni yobomi bayakwazi ukuba kuthetha ntoni, xa silinde ithuba lethu kube sendaweni nasendaweni, eluvukweni, ukunyukela ngasentla.

45 Kwaye oku, umzalwana wam omncinci, emi apha, oqeqeshiweyo kakhulu, elungele, enxityisiwe, elindele indoda endala ibeke izandla phezu kwakhe, yena lowo uligqala elidala ukusuka phezulu phaya kumgca ongaphambili, esazi ukuba kufanele azibandakanye edabini, naye. Thixo Othandekayo, ngezi zandla zingafanelekanga ndizibeka phezu komzalwana wam, ekumeleni eZakho. Sikelela uMzalwana Green, Thixo othandekayo, endimsikelelayo eGameni likaYesu. Wanga angathwala loMyalezo, Nkosi, awuse kwesi sixeko naphina apho Uyakumbizela khona. Wanga angathembeka, azaliswe nguMoya, aphile ubomi obungenakuhlazeka. Thixo, menze abenentliziyo yabantu, yokuba abenokubafundisa aze abakhokele abaqhubele endleleni esiyinqwenelayo sonke ukuyihamba. Siphe, Nkosi.

46 Sikelela umfazi wakhe onyanisekileyo, abantwana bakhe abancinci. Sikelela imizamo yethu apha sihlangene, njengamaKristu apha emhlabeni, okokuze sithwale leVangeli iye eziphelweni zehlabathi. Thumela uMoya Wakho phezu kwakhe, Thixo. Sithandaza eGameni lika Yesu Kristu, njengoko simnikezela kuWe. Amen.

UThixo akusikelele, Mzalwana Pearry. Thwala iLizwi likaThixo!

Yindlu Enjani Eniyakuyakhela Mna? XHO65-1121
(What House Will You Build Me?)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngeCawa kusasa, ngoNovemba 21, 1965, kuMnquba i-Tucson eTucson, Arizona, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2014 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140 Western Cape
Republic Of South Africa

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org